Iintaka ezimbini zazihleli emthini. Amagama azo nguMbali noBuhle.





“Ndilambile, Mbali.” Wakhalaza uBuhle ephephezelisa amaphikwana akhe.

UMbali wayejonge ilanga elalingathi lizakuqhushumba kukukhazimla.

Wasuka wanweba amaphikwana akhe uBuhle wabhabha eziva elambile. Washiya uMbali umntakwabo owayegcakamele ilanga.





Emva kwethuba, uMbali waqwalasela ukuba uBuhle akasekho ecaleni kwakhe. Wakhumbula ukuba lixesha lokutya kwaye uBuhle akazange azikhangelelele ukutya eyedwa ngaphambili.

Ngamaphiko akhe amakhulu anamendu, wabhabha waya kumkhangela. Wabona  iintaka zicholachola kwithambeka elalikufuphi.

“Nikhe nayibona na intakana uBuhle?”

“Tswi tswi…khange siyibone intakana uBuhle,” zaphendula iintaka.





Ngamaphiko akhe amakhulu anamendu, wabhabha esiya kukhangela kwelinye icala. Wabona amadada kufuphi nedama wabuza.

“Nikhe nayibona na intakana uBuhle?”

“Kwaa kwaa …khange siyibone intakana uBuhle,” aphendula amadada.

Wathi esathe khunubembe engayazi ukuba makakhangele phi. Wakhumbula ukuba uBuhle uyayithanda imisundululu.  Kanye ngelo xesha wabona imisundululu emininzi kude kufuphi, wasondela.





Nanko uBuhle echolachola apho esitya imisundululu. UMbali wancumela ngaphakathi akubona ukuba uBuhle akaseyiyo intakana encinane. UBuhle wayeyintaka ekhulileyo ekwaziyo ukuzikhangelela ukutya.

Wancuma uBuhle akubona uMbali.

Batya imisundululu bahlutha beziculela kamnandi.

Bakugqiba bantinga babhabha begoduka. UBuhle ebhabhela phambili.





Bafike kwindawo yabo abayithandayo ilanga litshona.  UBuhle wabalisela uMbali ngemini yakhe.